

WoH 259

Ukuphila nobulwelwe _ Izifundo esizifumana ebantwaneni

Ezobomi: Ukuphila nomntwana ongumlwelwe - ubuso obuqhelekileyo

Ezomphefumlo: Izifundo esizifumana ebantwaneni.

Uthotho: Izifundo esizifumana ebantwaneni # 1

Intloko engundoqo: Ukukhula komntu

Intlokwana: Ukufunda ngobulwelwe.

Isiqulatho sezobomi: uNoluvo usibalisela ngomntwana wakhe onesifo sengqondo sokuthanda ukuhlala wedwa (autism)

Isiqulatho sezomphefumlo: uThembelihle usixelela ngokukhangela kwakhe kuThixo ngamaxesha obunzima

Isalathiso: iNdumiso 27:7-8, iNdumiso 105:4

Ingongoma sifundo: Nje ngokuba umntwana ejonga ubuso obuqhelekileyo bomzali, nathi singakhangela obukaBawo wethu uThixo.

Thembelihle: Uvuyo lukamama omtsha lungatshintsha

ngomzuzwana.

Thandokazi: Kuthe akuthi gqi umntwana kumbhobho wokuzalwa, ubuso babo abancedisayo babonisa ukukhathazeka.

Thembelihle: Ukuba ukho undonakele emntwaneni.

Thandokazi: **Yinkxalabo** yabo bonke oomama le, akunjalo? Kodwa ubomi buyaqhubeka..

Thembelihle: Namhlanje kwinkqubo iAmanenekazi eThemba siza kuncokola nomama womntwana onobulwelwe bengqondo nomzimba. Ujongana njani nale ntsindabadala? Siza kuva kamsinya. Hlala nathi.

Intshayelelo

Thandokazi: Molo mhlobo, wamkelekile enkqubeni

Thembelihle: Le nkqubo ayibizwa ngolu hlobo mahala, kungenxa yokuba isinika ithemba lokumelana neengxaki zobomi.

Thandokazi: Ndiyalithanda igama elithi '**ithemba**' kuba lithetha ukulindela okuthile ngolangazelelo. Wena Thembi ziziphi ezinye zezinto onethemba lazo?

Thembelihle: O, zininzi izinto endithemba ukuba ndinganazo. Kwenzeka ntoni xa loo mathemba engaphunyezwa? Ikamva

elihle labantwana bam, impilo nonxulumano olukhulayo noThixo

Thandokazi: Zonke ezo zinto zilungile ukuba ungazinqwenelela usapho lwakho. Kodwa ke xa zingaphumeleli kwenzeka ntoni?

Thembelihle: Kakade ukungaphumeleli kuyadanisa akukhuthazi. Akhona amanenekazi endiwaziyo akhe adaniswa ziimeko zawo kangangokuba ngoku akasafuni kulinga nto, athi kubuhlungu kakhulu ukuzifumana ukulo ndawo.

Thandokazi: Xa kusenzeka izinto ezibuhlungu ebomini apha, ngaba sisizathu esaneleyo sokunikezela?Kutsha nje ndikhe ndanethuba lokuhambela umhlobo wam wobuntwana , uNoluvo. Ngumama kaLunje. Uneengxaki ezibonakala emzimbeni nasengqondweni yakhe. Ubomi bakhe bunzima, kodwa akayeki ukuba linenekazi lethemba. Masimmamele xa esixelela ukuba wenza njani.

Umxholo

Thandokazi: Molo Noluvo, siqabelene ntombi, impilo injani kodwa?

Noluvo: Enyanisweni, le veki ibingcono kunale idlulileyo, ibingathi ayisapheli le sisuka kuyo.

Thandokazi: Ngoba?

Noluvo: uLunje uye waxhuzula kwakhona

Thandokazi: Okhu! Kanene unangaphi ngoku?

Noluvo: Ilithoba ngoku iminyaka yakhe

Thandokazi: Ucinga ukuba inoba mhlawumbi kungenxa yesi sifo agula siso sokuthanda ukuhlala yedwa, iautism?

Noluvo: Andazi. Noogqirha babhidekile. Oko wamana exhuzula eselusana. Eyona nto indikhathazayo kukuba abonyango abazi nokuba bangasilungisa njani esi simo sikaLunje. Ukungazi kokona koyikekayo kuphelelisa nangamandla. Esi simo saqala ngenye imini ndimsa esikolweni endleleni wahlanza.

Ndaza ndaqaphela ukuba uyaxhuzula kancinci, amehlo athi ukubengezela ngathi azele iinyembezi ekwabomvu ngathi ligazi. Akakwazi ngoku nokugxila endaweni kodwa wabe ngaxeshanye ngathi undithe ntsho , nolwimi lunesandi esivakalayo ngathi uyaginya. Ukuxhuzula oko kwahlala ithuba endiliqikelela kwimizuzwana eli15. Ugqirha wacela ukumbona uLunje ngosuku olulandelayo. Uyazi nawe ukuba ndithanda ukuhlala endlwini ikakhulu kodwa ugqirha oyincutshe ndandingenakumphosa, ndanyanzeleka ukuba ndiqhube kweso siphithiphithi seenqwelo mafutha. Ndandothuke kakhulu.

Salinda ixesha elide phambi kokuba asibone ugqirha, wasicela ukuba songeze amayeza kaLunje.

Thandokazi: Yanceda na loo nto?

Noluvo: Ukuxhuzula kwayeka, kodwa amayeza enza enye into kuLunje. Amvala amayeza akatya iintsuku zade zambini esoloko elele. Wayekhangeleka ngathi uyozele lonke ixesha, ngathi angawa nakweso situlo ahleli kuso. Ndangakwazi ukubukela unyana wam ekule meko, kwaba nzima nyhani ukunyamezela. Ndandinxunguphele ndidiniwe.

Thandokazi: Hayi nam ndandinokufuna ukulala okanye ndiske ndilile kube kanye. Waphinda wambiza ke ugqirha?

Noluvo: Ewe. Kuba wayefuna ukwenza uvavanyo kwakhona...uLunje ukhe axhuzule kodwa akusenzeki kangako kule mihla, yazi. Uyadinwa nyhani xa ungumama womntwana ogulayo. Awazi ukuba kuza kwenzeka ntoni, nini. Xa esesikolweni, ndixhumela ifoni qho xa ikhala. Ndihlala ndinexhala lokuba kwenzeke nto ithile kunyana wam. Ndisoloko ndixhalele ingomso ukuba kazi lisiphathele ntoni nonyana wam. Ndinqwena njani ukukhe ndiphile nje ngabantu abaninzi abangenazinto zibaxhalabisa ngolu hlobo.

Thandokazi: Nam ndiyanqwena ukukuqinisekisa ngengomso lomntwana wakho kodwa andinandlela. UThixo wazi konke

ngonyana wakho nangokuba kwenzeka ntoni ebomini bakhe.
Ukhe wathetha naye ngesi simo sikanyana?

Noluvo: Ewe. Lonke ixesha. Ndiphila phantsi kwesicinezelo rhoqo, yiyo le nto ndizimisele ekubeni ndisoloko ndithetha noBawo. Ngamanye amaxesha ndithandaza ixesha elide kanti ngamanye ndivele ndithi nje **'Thixo ndicela uncdo, ndidinga uncdo! "** Xa uLunje engakhange afune kuhoywa kakhulu ukusukela kusasa kude kufike ixesha lokulala, ndiye ndithi **" Ndiyabulela Bawo , beluluhle usuku lwanamhlanje."**

Ndimthandazele uLunje nodade wabo uThembakazi oko beseziintsana.Xa kukho into engahambi ngokuqhelekileyo ebomini bakho , nje ngokuba nomntwana ohlala egula , uthandaza ngakumbi kwaye ufuna ukuziva usondele kuThixo. Wazi kakuhle ukuba uncdo lukaThixo luyimfuneko kuwe.

Thandokazi: Ndiyacinga ukuba yinyaniso emsulwa le. Singabantu basemhlabeni sinomkhuba wokumlibala uThixo xa izinto zisihambela kakuhle. Nam, ngexesha umama wam wayesekhukweni lokufa ndandithandaza kakhulu.

Noluvo: Iyanceda loo nto, akunjalo?Ndimthanda kakhulu uLunje, ndingadandatheka kakhulu xa kungenzeka into embi kuye. Ndicinga ndizibuza ukuba kutheni uThixo wakhetha ukundipha umntwana omnye ophilileyo - intombi yam, waza

omnye wangulo uphila ngamayeza.

Thandokazi: Ngaba ugxeka uThixo ngesimo omelene naso ubomi obu?

Noluvo: Hayi, andikhalazi, futhi andimgxeki ngokunjalo, kodwa oko akutsho ukuba andoyiki ngamanye amaxesha. Xa kunzima ndizikhumbuza njalo ukuba uThixo ulungile kwaye uyazi ukuba kwenzeka ntoni kuthi. Ndiyazi futhi ukuba unecebo ngam noLunje. Okwam kukubek'ithemba lam kuye.

Thandokazi: Uphumelela njani ungakhange woyisakale umhla nomhla?

Noluvo: Kufuneka imini ndijongane nayo ngohlobo olunxulumene nendlela eyiyo, andikwazi ukucinga ngoLwesihlanu kube kusengoMvulo . Andikwazi, eneneni ukuplana iintsuku zam kuba xa kusenzeka into enobungozi kuLunje, kufuneka ndifune uncedo.

Thandokazi: Kubonakala ngathi usoloko ubambe amazinyo, uhleli nje wena ulindele isehlo esingekho mnandi kuLunje. Umele ukuba ngqathu ngqathu yile ndlela eniyiphilayo nyhani.

Noluvo: Ngamanye amaxesha nam ndiyazithandabuza. Inye into endizanceda ngayo, kukuzikhumbuza ngamazwi kaThixo ngokubhalwe eBhayibhileni...."**Kuba uThixo akasinikanga moya wobugwala; wasinika owamandla,nowothando ,**

nowesidima" (2 kuTimoti 1:7) Ngoko ke xa ndifuna ukuba nediyudyu ndizixelela ukuba uloyiko alusuki kuThixo . uThixo umthanda uLunje nangaphezulu kokuba mna, nina, ndimthanda kwaye ndikholelwa kwinto yokuba ubomi bethu bukulawulo lukaThixo. Enye into endizigcina ngayo kukumamela iinkqubo zikanomathotholo zobuKristu ezithetha ngoBawo nditsho ndibe namandla okuqhubeka nempilo. Oku kuqinisa ukholo lwam. Ndifumanise ukuba kaninzi iinkqubo ezi ziba nemiyalezo ekufuneka ndiyive. Ndiyancedakala kuba akufuneki ndiphume kakhulu. Andinabantu abaninzi endibasondezileyo kum ngenxa yesimo sikaLunje kuba ukungabikho kunye naye ndilibele kukufuna ubuhlobo kungafaka ubomi bakhe emngciphekweni.

Thandokazi: Uyoyika na ukuba uLunje akangekhe aze abe ngcono, nokuba uya kuhlala uxhalabile?

Noluvo: Hayi kangako, nangona ndisiba nawo amathuba anjalo. Ndiyazi ukuba nanini kungasuke kuphele konke oku koyika, umntu aphile, ukuxhuzula kube libali. Asazi ukuba kwenziwa yintoni, kungasa ngenye imini kuphelile ngaphandle kwesizathu. Ndisoloko ndizithembise ngokuba uThixo uza kumelapha. Asoze ndilahle ithemba endinalo kuThixo. Ayisuki engqondweni yam indima kaYesu mhla waphilisa imfama , yabona okokuqala. Abadisipile bakaYesu babecinga ukuba kwakusohlwaywa

mhlawumbi abazali bendoda yiyo le nto ingazange ibone oko yazalwa. " Bambuza ke abafundi bakhe besithi " **Rabhi ngubani na owonayo, ngulo, ngabazali bakhe kusini na; ukuze azalwe eyimfama nje?"**(uYohane 9:2) Wabalungisa kakuhle uYesu wathi " **Akone lo, akone bazali bakhe; uzalwe eyimfama ukuze ibonakalaliselwe kuye imisebenzi kaThixo** " (uYohane 9:3) waza uYesu wolulela endodeni wayiphilisa.

UThixo angenza kuLunje nje ngakwimfama xa ngaba bekuyinxalenye yeplani yakhe egqibeleleyo. Ndiyazi ngokuva eBhayibhileni ukuba ngenye imini noLunje wam uza kuphelela. Ndingavuya xa kunokuba njalo esaphila emhlabeni. Kodwa ndiyazi ukuba uza kuba ephilile xa esiya ezulwini.

Thandokazi: Hee Noluvo, uLunje uyamazi uNdikhoyo?

Noluvo: Unzima umbuzo wakho, kodwa ndiyamxelela ngoThixo,ndiyathemba futhi ukuba uyakuqonda konke endimxela kona ngaye.

Thandokazi: Umnceda njani ukuba aqonde ukuba ngubani uThixo?

Noluvo: Andazi ukuba uLunje uyaqonda nyhani na ukuba ngubani uNdikhoyo kuba esi sifo anaso i**Autism** siphazamise nengqondo yakhe. Ndimxelele ngoYesu kwaye ndiza kusoloko

ndimxelela ngaye. ULunje uyakwazi ukuthi " Ndiyamthanda uYesu ", ndithandaza kunye naye yonke imihla ngokuhlwa.

Kwangenxa yale **Autism** uLunje uphila kwilizwe lakhe. Izinto ezingenamsebenzi nje ngokutya ngefolokhwe nemela ngumgudu kuye. Xa ethe watya nokuba yi"yoghurt" ngecephe sithi " Enkosi, Bawo, namhlanje uLunje usebenzise kakuhle icephe xa esitya "

Thandokazi: **Noluvo,** ndicinga ukuba ungomnye wamanenekazi akhaliphileyo endiwaziyo.

Noluvo: Yazi mna andiziboni kanjalo, andiziva tu ndomelele ngolo hlobo ngaphakathi kum.

Thandokazi: Kunjalo kanti. Uyaqhubeka nje nobomi ngathi akukho nto ebitheni nangona esi simo silukhuni kuba sibuhlungu kuwe.

Noluvo: Andiqondi ukuba ikho into eyohlukileyo ebendinokuyenza. Ndiyamthanda unyana wam , ndingenza nantoni endinokukwazi ukuyenza ukumnceda.

Thandokazi: Ndingakuthandazela?

Noluvo: Ndingakuvuyela.

Thandokazi: " Bawo othandekayo, Enkosi ngokusixelela ukuba singeza kuwe nanini na, sithethe ngezinto

ezisikhathazayo. Ndiyakucela Bawo, ukuba unike umhlobo wam uNoluvo amandla okuhlala engumama olungileyo kuLunje. Ndicela ukuba umncede noLunje, Bawo. Nceda ulungise impilo yakhe aze afunde izinto ezininzi nakubeni ephila neautism. Umncede Bawo afunde lukhulu Ngawe. Amen.

Noluvo: Amen. Ndidinga yonke inxaso ngomthandazo endinokuyifumana.

UMCULO

Thandokazi: Namhlanje kwinkqubo yethu sibonile ukuba ungakwazi ukuzingisa, ukuze ukuqhubele phambili xa ubomi bungagqibelelanga kuthi. Wonke umzalikazi ufuna ukuba nomntwana opheleleyo, ofezekileyo, kodwa akusoloko kunjalo, andithi? Sithini ke xa sijongene namaxesha anjalo apha ebomini? Siyanikezela na okanye sihlala ethembeni? Singakhangela phi?

Ngamanye amaxesha iimpendulo kwimibuzo enzima ikufuphi kunokucinga kwethu. Fane ujonge ebantwaneni bethu, yintoni esinokuyifunda kubo? Ewe kuninzi esinokukufunda ngabo, kodwa nabo kuninzi abangasifundisa kona. UThembelihle unezakhe izinto azifundileyo. Masimphulaphule.

Thembelihle: Siza kufunda okubalulekileyo ngemfundiso yabantwana kuthi namhlanje kodwa masiqale ngomthandazo.

Thixo ndiyakubulela ngale mini. Enkosi ngobomi obuxabisekileyo bomphulaphuli, Nkosi. Nceda sikelela ixesha lethu kunye naye,Bawo. Vula iindlebe neentliziyo zethu ziwuve umyalezo wanamhlanje owujolise kumntu ngamnye omameleyo, Bawo. Sithandaza ngeGama likaYesu.

Amen

Ukhe uqaphele ukuba zenza ntoni iintsana xa zisiva ilizwi likamama okanye utata wazo? Ndikhumbula kakuhle ukuba abam abantwana babedla ngokulunguza babakabakazele kweli cala ilizwi lam lalivakala ngakhona. Bathi xa bendibona, amehlo akhanye, bancume bolulele ingalwana zabo ngakum ukuze ndibafunqule. Abantwana bayavuya xa bebona ubuso bomntu abamaziyo , akunjalo ? Ndiyayikhumbula nemini ekwaduka omnye wabantwana bam emarikeneni. Ndandothukile ndisoyika kuba intombi yam le ndandiyigqibele ihamba ecaleni kwam, nini nini andisayiboni. Ekugqibeleni ndambhaqa, wathi akundibona , yekoko ukubalekela kum , wandibamba nkqi , wakhala kuba ekhululekile,nam ndalila luvuyo oluxube neentloni zokulahlekelwa ngumntwana ehamba nam.

Emntwaneni , ubuso obuqhelekileyo bubalulekile kuba buthetha ukuba umntwana ukhuselekile , uyathandwa , ukhathalelwe. Obo buso buzisa uxolo nentuthuzelo. Buthetha ukuba umntwana

akayedwa kwaye akalahlekanga.

Ngamanye amaxesha xa yonke into isihambela kakuhle ebomini, sicinga ukuba asimdingi uMdali. Ndikholelwa ekubeni kubalulekile ukumcamanga uThixo mihla yonke. Kufuneka sizayamanise noThixo. Kufuneka sizifundise ngothando lwakhe nokuba usihoye kangakanani na . Kutheni kubaluleke kangaka oku?

Kubaluleke ngenxa yokuba kuza kufika ixesha ebomini bethu esiya kubufuna oba buso buqhelekileyo , xesha elo esiya kuthwalwa nguThixo ngothando lwakhe kuphela. Ngoko sakube sizimisele ukwazi ukuba ukho , usijongile , uyasithanda , sikhuselwe nguye , asilahlekanga okanye asinabani.

EBhayibhileni, sibaliselwa ngekumkani eyayineengxaki ezininzi, izingelwa lutshaba lwayo yonke indawo. Loo kumkani yayinguDavide. Ukumkani lo wayethembele kakhulu kuThixo. Xa esebunzimeni, wayekhalela kuYehova athi **"Yiva , Yehova , ndakukubiza ngezwi lam ; Ndibabale, undiphendule. Intliziyo yam ithi kuwe, kweli uthi ,funani ubuso bam , ubuso bakho , Yehova , ndiya kubufuna."** (iNdumiso 27:7-8)

UDavide wayekhangela ubuso obuqhelekileyo , ebazi futhi ukuba bobuphi amakabufune , obo bunoxolo nemfobe obukaThixo.

Unxulumano lukaThixo noDavide lwalukho kade iminyaka emininzi. Siyakhunjuzwa kwalapha eBhayibhileni ukuba sibe nombulelo njalo kwiNkosi silibhengeze iGama layo rhoqo. Kufuneka singalibali nokumdumisa uYehova, sibaxelele abantu ngezinto ezininzi ezintle uThixo asenzela zona mihla le. **"Ngxamelani uYehova namandla akhe; Funani ubuso bakhe ngamaxesha onke"** (iNdumiso

105:4)

Ayiyo nyaniso na into yokuba xa sichitha kakhulu ixesha nomntu, siyamfunda side simazi ngakumbi. Kunjalo ke nakuSonini nanini. Xa uzimisela ukuzipha ithuba naye kukhulu okufundayo kuye ngaye. Andithi naxa uchitha ixesha kakhulu nomntu uyakhululeka kuye. Ungathanda ukuziva ukhululekile noThixo, akunjalo? Kuba mna ndiyafuna.

Bendibandezeleke kakhulu kutsha nje. Bekulukhuni kangangokuba bekusithi kwakusa ndizibuze ukuba kazi ndiza

kuluphilelwa ngubani oko suku, kodwa xa kusihlwa ndiphinde ndiziphendule ngelithi, uYehova undikhusele ngezibele zakhe. Ndinombulelo ongazenzisiyo kuBawo ngonxulumano endinalo Naye. UYesu, uNyana kaThixo, ngumhlobo wam. Ndinobudlelane naye, sithandaza kunye kwaye uyandimamela andive kunjalo nje. Uyandithuthuzela. Ungumntu oqhelekileyo kum kuba kaloku ndichitha ixesha elininzi naye.

Maxa wambi xa ndiqukeza imini le, ndiba nomfanekiso wakhe esecaleni kwam kule ndlu endikuyo , ndive kuthe xibilili .Ngamanye amaxesha ebusuku , ndiba nombono wakhe ehleli ecaleni kwam sithandaza kunye. Imibono endinayo ngoYesu , asikuko nokuba ziyandishiya iingqondo ndaweni yoko ndiyamcela ukuba andincedise ndifumane umfanekiso oza kundithuthuzela. Akukabikho nguqu ebonakalayo ebomini bam besiqhelo kodwa ndiyazi ukuba uYesu unam ebunzimeni , andindedwa.

Ndikhe ndadibana nabantu aboyikayo ukuzisondeza kuThixo. Boyika kuba becinga ukuba uza kubagweba kabuhlungu. Kodwa eBhayibhileni sifunda ukuba yayingamadimoni kuphela awayesoyika uYesu, uNyana kaThixo. Abantu abangaboni, nje

ngam nawe, bafumanisa ukuba uYesu , ndaweni yokuba asigwebe , wasinika intuthuzelo noxolelo. Wasinika ubomi obutsha obungelohlazo kuba saxolelwa nguThixo kuqala.

Mhlobo , ndiyenzile into ekukona kweli phakade. Kubakho amaxesha ndikhale ezimantshiyane zosizi iinyembezi ndifuna ukwazi ukuba ngaba ndixolelwe na nguThixo ngezono endizivumayo phambi kwakhe Qho xa ndiziva ngathi ukholo lwam luhesheheshe, ndibalekela eBhayibhileni kula mazwi ...**Ukuba sithi sizivume izono zethu , uthembekile , ulilungisa , ukuba asixolele izono zethu , asihlambulule kuko konke ukungalungisi."**(1 uYohane 1:9)Uyasixelela uThixo kwiZibhalo eziNgcwele ukuba xa sizivuma izono zethu okanye sixelela uYesu ngazo , uthembekile , uyasixolela asihlambulule ngokunjalo. Nje ngaxa sihlamba ichaphaza elaphini lento enxitywayo, xa singcolile, uYesu usihlamba sisuke nya isono. Phambi kokuba sivale bethu, masithandaze.

Nkosi Yesu, siza kuwe ngoku. Sikhangelwa wena. Sifuna intuthuzelo yakho, mzali. Sifuna uxolelo lwakho Yesu, siyakholwa ukuba wasifela emnqamlezweni, ndoda, mfazi , mntwana ozalelwe kweli hlabathi. Usinika uxolelo lwezono zethu, uxolelo lokwenyani, olunokuza Ngawe kuphela ,

Thixo wenyaniso.

Yesu , nceda ndixolele izono zam. Ndincede ndingaphindi ndizixakekise ngokona. Xa kwenzekile ndalukuhleka , Bawo , ndikhumbuze ukuba ndize kuwe nazo izono. Ndikhuthaze ukuba ndihlale ndikukhangela , Yesu , lonke ixesha , kusasa, emini , imini yonke. Ndifuna ukuba ube bubuso obuqhelekileyo ebomini bam. Ndithandaza egameni likaYesu. Amen.

UMCULO

Thandokazi: Sisesenkqubeni nenekazi. Kha utsho, uthini xa umntwana wakho ecela okuthile? Ngaba uthi kuye ..hayi ngoku , ndixakekile.. okanye uthi, kutheni undihluphela into engenamsebenzi nje? Eneneni, singabazali abangafezekanga nalo mazwi sikhe siwathethe ebantwaneni bethu. Kodwa ikakhulu siyabamamela kuba siyabathanda kakhulu. Xa ukhala kuThixo, uba nengqiniseko na yokuba ukuvile xa ukhala ?

Thembelihle: ILizwi likaThixo, iBhayibhile, lithi..".Niya kundifuna ; nindifumane ,xa nithe nandifuna ngentliziyo

yenu yonke" (uYeremiya 29 : 13)

Thandokazi: Zindaba ezilungileyo ezo. Into etheth'ukuthi nabani angazifumanela amazi uThixo ukuba unayo intliziyo yokwenza njalo. UThixo akazifihli kuthi, koko ulindela kuthi ukuba sikhalele kuye.

Thembelihle: Mhlobo, ungathanda ukukhalela kuBawo ngoku? Masithandaze.

Thixo, siyakubulela ngoba nakubeni umkhulu kangaka, thina sibancinanana, namandla siwaswele, usithanda sinjalo. Sinombulelo omkhulu kuwe Bawo, kuba uyibonile ingxaki yethu, waza wenza indlela yokusikhulula ekoneni kwethu. Kha usondele kaloku mzali, sitsho sikwazi ngcono, sibonise Bawo ukuba ungubani kanye kanye. Sinqwenela ukukwazi ngcono, nje ngalo Thixo oyinene kanye. Vula amehlo ethu akubone Bawo...Amen.

Thandokazi: Amen. Ukuba unemibuzo ngoThixo nenekazi okanye lunjani unxulumano naye, sibhalele kaloku.

Thembelihle: Wakha wanqwenela ukubona izinto ngamehlo

amatsha nje ngomntwana?

Thandokazi: Mamela inkqubo yAmanenekazi eThemba rhoqo. Qhubeka uzayamanisa noThixo, uthetha naye , ugcina isimilo esihle , uncuma nokuba akukho sizathu, uyakuthanda uBawo. Sala kakuhle!

Bobabini: Ziyolise ngoYehova!